

Imithethosiseko yokuLima esisiSeko¹

Intshayelelo

Isigama esisetyenziswa kule mithethosiseko sisekwe kuMmiselo weSAOSO wokuLima nokuGuquguqula iiMveliso ngokweMveli. Ummiselo weSAOSO uchaza ulimo ngokwemveli njengomgaqo wenkqubo jikelele osekwe kwiseti yeenkqubo ezikhokelela kwinkqubo enozinzo yokuphilisana kwendalo, ukutya okukhuselekileyo, izondlo ezilungileyo, impilontle yezilwanyana kunye nobulungisa basentlalweni. Ngoko ke, ukulima ngokwemveli kungaphezu kwenkqubo yokulima equka okanye engaziqukiyo iimveliso zamalungiselelo ezithile. Ummiselo weSAOSO ubhalwe ngendlela eyenza ukuba abalimi abanqwenela ukulandela lo Mmiselo babe nako ukuwusebenzisa kwimeko ekubhekiselelwe kuyo yokunikelwa kweziqinisekiso liqela lesithathu, iNkqubo zoQinisekiso lweNxaxheba (Participatory Guarantee Systems - PGS), uLimo oLuxhaswe luLuntu (Community Supported Agriculture - CSA), okanye ngendlela elula yokuzinikela.

Ummiselo uchaza izigqaliso ezivumelekileyo kunye neemveliso zamalungiselelo ezithintelekileyo, izigqaliso zobugcisa eziliqela kunye nezinxaxhi ezibhengezwayo. Imithethosiseko engezantsi ihambelana nale mimiselo, kwaye **ayifanelanga kubonwa njengeshenxisa okunye**, kodwa mayibonwe njengenkqubosikhokelo eyinxaso; nehalwe ngolwimi olunokuqondwa ngabo bonke abathabathinxaxheba, ngomoya owakha inxaxheba nengqiqo – ezo ziintsika zayo nayiphi PGS.

Inkcazelo yolimo ngokwemveli

I-PGS iqhuba ngokwemithethosiseko nezikhokelo zeIFOAM–Organics International ngoko ke, inkcazelo yayo yolimo ngokwemveli iyisebenzisa njengeyayo:

“Ulimo ngokwemveli yinkqubo yokulima elondoloza impilo yemihlaba, iinkqubo zokuphilisana kwendalo kunye nabantu. Ixhomekeke kwiinkqubo zokuphilisana kwendalo, kwiyantlukwano yendalo ephilayo nakwimijikelo eziqhelanise neemeko zendawo ekulinywa kuyo, endaweni yokusebenzisa iimveliso zamalungiselelo ezineziphumo ezinobungozi. Ulimo ngokwemveli luhlanganisela isithethe, usungulo nenzululwazi ukuze kubekho uncedo olufumaneka kubume obusingqongileyo ekwabelwana ngabo ngokunjalo lukhuthaza ubudlelwane obunobulungisa kunye nodidi olulungileyo lobomi babo bonke ababandakanyekayo.”

Imithethosiseko ngokubanzi

1. Ulawulo lweNkqubo yokuPhilisana kweNdalo

Ifama eqhuba ngokwemveli ilulutho kubume obusingqongileyo okanye kwinkqubo yokuphilisana kwendalo. Ulawulo olulungeleleneyo nolondolozo lwale nkqubo ngumbandela obalulekileyo ekulimeni ngokwemveli. Ukusebenza ngokolawulo kufanele ukuquka:

- a. Ulawulo lomhlaba ngolondolozo² – izenzo zokusika kubhulwa nezokutshisa ukuze kuvele umhlaba azisayi kwamkeleka.

¹ NgokweMithethosiseko yokuLima esisiSeko yeBryanston Market PGS (kuJulayi wama2018) nehlaziye ngamalungu ekomiti yePGSSA naweSAOSO ngokunjalo neengcali zecandelo (kuAgasti, wama2022)

² Uzinzo luthetha: ukuhlangabeza izidingo zangoku ngaphandle kokunciphisa isakhono sezizukulwana zekamva zokuhlangabeza ezazo izidingo; ukulondoloza ulungelelwano lokuphilisana kwendalo nokunqanda ukulambatha okanye ukutshabalala kwemithombo yoncedo lwendalo. (IFOAM: Organics International 3.0)

- b. Imimandla yemvula eninzi nemihlaba ebalulekileyo yokukhulisa iintaka nezilwanyana ifanele ukukhuselwa.
- c. Umhlaba ongekasetyenziswa namahlathi mawukhuselwe.
- d. Ukuba iimveliso zivunwa ngokwasendle, iindawo ekuvunelwa kuzo mazibhalwe phantsi ngokucacileyo futhi zibhalwe kumaxwebhu kwaye umsebenzi wokuvuna mawuqhutywe ngokwemithethosiseko yobume obusingqongileyo ukuqinisekisa uzinzo nokungatshabalali kwezityalo zeMveli (responsible harvesting) njengoko kuchazwe kuMmiselo weSAOSO wokuLima ngokweMveli. Ngaphaya koko, iindawo zokuvuna ngokwasendle mazikhuseleke nakoluphi na ungcoliseko, nokuba lubangelwa ziikhemikhali zolimo okanye zizingcolisi zoshishino nokulahlwa kwenkunkuma.

2. Ulawulo lwemihlaba

Ulimo ngokwemveli luqala emhlabeni. Ngumthethosiseko ongundoqo ukuba impilo yesityalo sisalathiso sempilo yomhlaba. Ifama mayibe nenkqubo eyisebenzisayo yethuba elide yolawulo lokuchuma komhlaba. Le nkqubo ifanele ukuquka okulandelayo:

- a. linkqubo zobuchule nezenzo zokunyusa amanqanaba ezinto zemveli emhlabeni ezifana “izityalo ezichumisa umhlaba eziphilayo,” isigcinakufuma, isivundiso/ikhomposi, izityalo zokhuselo kunye nokongeza umgquba wezilwanyana (okwekhomposi)

Qaphela: umgquba okwisimo sentsusa uvumeleke kuphela xa ugalelwa kubuncinane beentsuku ezingama60 phambi kokuvunwa kwesityalo esinokudibana nomgquba, futhi kongezwe nezinye izinto zemveli ezisemhlabeni ngokunjalo nezidalwanana ezinoncedo olunonxulumano ezincedisa ngokuqhekeza okukhokelela ekufunxweni kwezondlo.

- b. Ezi mveliso zamalungiselelo mazisetyenziswe ngendlela elandelayo (ngokolandelelwano oluthandwayo):
 - i. Ezenziwe/ezifunyenwe efama, ngokusebenzisa izinto zeli lizwe.
 - ii. Mazifunyanwe kweli lizwe kwiifama okanye kumaqela asebumelwaneni. Umgquba wezilwanyana kucetyiswa ukuba uqale ufakwe kwikhomposi phambi kokuba ugalelwe, kwaye ufanele ukufunyanwa kwiifama eziphantsi kolawulo lwezinto eziyimveli, okanye emsebenzini wokufama obanzi. AWUVUMELEKANGA umgquba ovela ekufameni ngokwamashishini/ngokweefektri.
 - iii. Zifanele ukuthengwa kubathengisi abamkelekileyo.

IpH neetyuwa zomhlaba: Kuyaziwa ukuba imihlaba ayinakusoloko ilungelelene ngokufanelekileyo ukwenzela ukulinywa kwezityalo ngokusebenzisa imithethosiseko echazwe ku-*a* naku-*b* ngasentla. Ukongezwa kweetyuwa zomhlaba kuya kuvunyelwa ukuba iimveliso zamalungiselelo zihambelana nokulandelayo:

- i. Zifunyenwe ngendlela eyindalo ngokuthobela uMmiselo.
- ii. Zifakwa ngendlela ecetyiswayo emva kohlalutyo lwemihlaba olucela iSOM (Soil Organic Matter) izinto eziyiMveli eMhlabeni (izinto ezibolayo emhlabeni) ngokunjalo neCEC Isakhono soTshintshiselwano lweeCation eziququzelela ukuqhwitha ngokombane (Cation Exchange Capacity).

Ukusetyenziswa kwezichumiso ezenziwa ngoshishino (iikhemikhali zolimo) akuvumelekanga ngokuphandle.

3. Ungcoliseko nolawulo lwezingcolisi

Nayiphi ifama okanye ubonelelo lolimo isemngciphekweni yokungcoliswa ziikhemikhali nazizingcolisi ezivela kumashishini, ngokusetyenziswa kwezitshizi ezikhukulisayo zeefama ezikufutshane ezisebenzisa iikhemikhali, imiqukuqelo evela ezindleleni, njalo njalo. Ukuba kukho nayiphi na kule mingcipheko icacileyo efama okanye kufuphi kuyo, mazibe sezikhona izicwangcisocebo zolawulo ukuthintela ungcoliseko olunjalo. Zona zingaquka:

- a. lizowuni zothintelo nezityalo zothintelo kumda wefama ngokunjalo neezowuni zothintelo ngokunjalo nezibiyeli zemithana efama ukuze kuthinteleke nakuphi na ukunwenwa okunokubakho kwezingcolisi.
- b. Ugcino oluhamba lodwa lweekhemikhali zepetroliyam, ezifana neepeyinti, amafutha okubasela, izinto zokukhucula ioyile.
- c. Ukucoca okufanelekileyo nokuhlambulula ngamanzi acocekileyo zonke izinto zokusebenza ukuthintela ungcoliseko lweemveliso.

4. Ulawulo lwamanzi

Imithethosiseko yolawulo lozinzo lwemithombo yoncedo nokhuselo lwamanzi zizikhokelo ezimbini ezingundoqo.

- a. Ukusetyenziswa kwamanzi makulawulwe ukuqinisekisa ulondolozo lwamanzi kunye nokuhlaziywa ngokutsha/ukusetyenziswa ngokutsha nanini na apho kunokwenzeka khona.
- b. Amanzi afanele ukuzilungela iinjongo zonkcenkchesho nezeemfuno zezilwanyana. Ukuba kusetyenziswa isiziba, kudingeka uvavanyo kutyelelo lokuqala kuze emva koko kwenziwe nezinye iimvavanyo ezinokucelwa liqela lohlolo lePGS ngokusekwa kwiinguquko zobume obungqonge indawo leyo.

5. Ukulinywa kwezityalo

- Ukuhlwayela

Kukho inkqubo ecwangciselweyo yokuhlwayela, ehlanganisela imithethosiseko yokuphilisana kwendalo ukuze kuqinisekise ulawulo lothintelo lwezonalalisizityalo nokukhuthaza imijikelo yobomi bezilwanyana/izinambuzane eziluncedo. Inkqubo ifanele ukuquka okulandelayo:

- i. Ukusebenza okunganqunyayiswayo
- ii. Ukulinywa kwezityalo ezihamba kunye ezibini okanye ngaphezulu kwintsimi enye
- iii. Ujikeleziso lwezityalo
- iv. Ulawulo lweyantlukwano yendalo ephilayo
- v. Izityalo zokutyebisa umhlaba eziphilayo
- vi. Izityalo zokhuselo.

- Ulawulo lwembewu/lwezithole:

Umthethosiseko wokuvunwa kwembewu nokuyigcina ufanele ukuba ngumalathindlela. Oku, makukhuthazwe ngokunjalo nokumisela iintlobo zothungelwano lotshintshiselwano lwembewu. Xa kuthengwa imbewu/izithole, kufuneka kulandelwe le mithethosiseko:

- i. Ukuthenga imbewu okanye izithole zemveli kuvimba oqinisekisiweyo.
- ii. Ukuba ayifumaneki imbewu/izithole, kungasetyenziswa imbewu ekhuliswe ngendlela yesiqhelo neyamkelwe liqela lohlobo lePGS (unxaxho olubhengezwe kwithuba lexesha eliqingqiweyo).

Nayiphi imbewu okanye izithole zeGM (utshintsho lofuzo lwembewu) ayamkelekanga ngokuphandle kulimo ngokwemveli.

6. Ulawulo lweZonakalisizityalo neZifo

Mayiqondwe into yokuba ukuba yonke imithethosiseko yokulima engasentla ilandelwa ngokuchanekileyo, oko kufanele ukunciphisa imfuneko yolawulo olongezelelweyo lwezonakalisizityalo nezifo. Oko kukuthi,

- a. ukuba imihlaba ichumile, isempilweni futhi inolungelelwano,
- b. ukuba izityalo zihlwayelwe ngokwemigaqo yemveli:

Inkqubo yokulima ngokwemveli iya kuquka iinkqubo zobuchule bezifundo ngendalo ephilayo, ezenkcubeko kunye nokusetyenziswa koomatshini ukuze kulawulwe izonakalisizityalo, ukhula nezifo. Ezi nkqubo ziquka:

- i. Ukukhetha iintlobo zezidalwa kunye neentlobo ngeentlobo zemifuziselo;
 - ii. Iinkqubo ezifanelekileyo zojikeleziso, ukulima izityalo ezibini nangaphezulu kwintsimi enye kunye nokutyala izityalo ezahlukileyo ngokusondelelana;
 - iii. Ukulima ngoomatshini;
 - iv. Ukuthintela iintshaba eziyindalo zezonakalisizityalo ngokuzibonelela ngendawo yokuhlala ezifaneleyo, njengezibiyeli zemithana, iindawo zeendlwane kunye neezowuni zothintelo ngokokuphilisana kwendalo ukuze kulondolozeke uhlaza oluyintsusa apho kuhlala khona iziqwengi zezonakalisizityalo;
 - v. Iintshaba eziyindalo ziquka ubukho beziqwengi nezidleleleli eziluncedo;
 - vi. Ukwenza izigcinikufuma nokucheba ingca;
 - vii. Ukutyisa izilwanyana;
 - viii. Ukulawula ngoomatshini njengezithiyiseli, izithintelo, ukukhanya kunye nezandi.
 - ix. Amalungiselelo enziwa efama ukususela kwizityalo zeli, izilwanyana nezidalwanana ezingabonakaliyo ngeliso lenyama.
- c. umthombo wamanzi ococekileyo,
 - d. ngokunjalo inkqubo yokuphilisana kwendalo ilawulwa ngokuchanekileyo.

Izityalo nezilwanyana eziphantsi kolawulo olwenziwa ngokwemveli kulindeleke ukuba zibe sempilweni entle ngokuthe chatha, ngoko ke ulawulo lwezonakalisizityalo nezifo lufanele ukunciphisa. Yinto eqondakalayo ukuba umlimi akanalawulo ngokupheleleyo phezu kwayo yonke le mibandela kwaye ukulahleka kolungelelwano kungakhokelela kugqabhuko lohlaselo lwezonakalisizityalo nezifo. Ezi ngxaki zifanele ukulawulwa ngokuzilandelelanisa ngokwentando:

- a. Uphuhliso lomgangatho womhlaba, impilo kunye nokuchuma ngokusebenzisa imigaqo yemveli.
- b. Ukutyala izityalo ezigxotha izonakalisi kunye nezenza imida.

- c. Ukusebenzisa iimveliso zendalo okanye izicaphulo ezenziwa efama zokulawula okanye zokugxotha izonakalisizityalo/izifo ngokuthobela uMmiselo.
- d. Izinto ezilungiselelwe iinguquko zendalo kunye / okanye ezinye ezamkelekileyo zezidalwanana.
- e. Iimveliso ezamkelweyo ezisetyenziswa kulimo ngokwemveli.

likhemikhali ezenzelwe ukubulala izonakalisizityalo neekhemikhali zokubulala ukhula azifanelanga kusetyenziswa kulimo ngokwemveli.

7. Ukufuya izilwanyana

Ukufuya izilwanyana ngokwemveli kusekwe kubudlelwane boxolo phakathi komhlaba, izityalo kunye nemfuyo, ukuhlonela izidingo zendalo yemizimba yazo nokuziphatha kwazo ngokunjalo nokuzondla ngokutya komgangatho ophezulu okulinywe ngokwemveli.

- a. Iinkqubo zokufuya izilwanyana apho kungekho mhlaba khona akuvumelekanga;
- b. Ulawulo, ubume obuzingqongileyo, izibonelelo, ubukhulu bomhlambi weegusha/weenkomo yimiba efanele ukubonelela izidingo zokuziphatha kwezilwanyana, oko kukuthi:
 - i. Ukuhambahamba okwaneleyo nokukhululekileyo kunye nethuba lokubonakalisa izimbo zesiqhelo zokuziphatha (isithuba esaneleyo sokuma, ukungqengqa, ukuhambahamba, ukuziqeqesha, ukulala nokufukama ngendlela eyindalo neyonwabisayo);
 - ii. Umoya ohlaziyayo owaneleyo, amanzi, izondlo, ubushushu obonwabisayo kunye nokukhanya kwelanga okuyindalo;
 - iii. Ufikelelo kwiindawo zokuphumla, ikhusi kunye nokhuselo elangeni, iadresi apho kufaneleke khona, ubushushu, nengqele, imvula, udaka nomoya;
 - iv. Ubonelelo lwezinto ezisetyenziswayo ezifanelekileyo neendlela zokuziphatha zokufuna iindawo eziphangaleleyo nezokuzingela ukutya;
 - v. Makubekho ubonelelo ngokunjalo ngokwamaqela athile ezilwanyana (umzekelo, iinkomo/iigusha/iibhokhwe: uqeqesho lwasentlalweni nokutyisa; okweehagu: ukondla ngeengcambu ngokwemveli, ukulalisa kwiindawo ezahlukileyo, ukuququzela/ukukhupha ubulongo - ngokunjalo iindawo – ekondlelwa kuzo, ukuzala kweehagu ngokukhululeka, ukwakha izindlu ngokwamaqela, ukwenzela iinkukhu: ukufukamela amaqanda, ukolula amaphiko/ukuwabhakuzisa, ukuzingela ukutya ngokuqhwaya, ukuziqikaqika eluthulini, iindawo zokuchopha kunye nokuzicoca.

Qaphela: izilwanyana ezisetyenziselwa inkqubo yolawulo efuna ukuba zikhatshelwe endle kuze zityiswe, olo lawulo lungenziwa ngokuthobela ezi mfuneko.

- c. Ulawulo lwezonakalisizityalo nezifo lungenziwa ngokwemigaqo elandelayo, ngolandelwano lokubaluleka:
 - i. Ukutya okunezondlo ezigqibeleleyo;
 - ii. Imigaqo yothintelo (ukuphazamisa, ukuchithachitha indawo yokuhlala kunye nofikelelo kwiindawo zobonelelo);
 - iii. Imigaqo yokusebenzisa oomatshini, umzimba nendalo ephilayo;
 - iv. Izinto (ezingezizo iikhemikhali zokubulala izonakalisizityalo ezenziwe ngoshishino) ezisetyenziswa kwizithiyiseli;

- v. Izinto ezidweliswe kwisiHlomelo sesi5 soGuqulelo 1.7 lwangoJuni, wama2020 lweMimiselo yeSAOSO.
- d. Xa zakhewe izindlu izilwanyana, umfuyi makaqiniseke ukuba zibonelelwa ngezinto zokulala ezaneleyo zendalo ngokwemveli futhi baqinisekise ukuba iimfuneko zezindlu ezingqaliswe kuhlobo ngalunye lwezilwanyana ziyathotyelwa.
 - i. Zonke izilwanyana ziya kuba nofikelelo olungathintelwayo lwemihla ngemihla emadlelweni okanye kwindawo enomhlaba nempepho yaphandle;
 - ii. Malunga nezikhukukazi ezibekela amaqanda, malihlonelwe ithuba lokuphumla kuyo yonke imihla kubuncinane beeyure ezisibhozo ezinganqunyanyiswayo nezingaphazanyiswa ngokukhanya okungeyondalo.
- e. Intsusa yezilwanyana kunye nethuba lenguqulo: izilwanyana ezinentsusa yemveli zizalwa zikhuliswe kwiifama eziqhuba ngokwemveli. Iinkqubo zokufuya izilwanyana ngokutshintsha kwezisiqhelo ukuya kwezemveli zidinga ithuba lenguqulo:
 - i. Okuzelweyo kungabonwa njengokwemveli kuphela xa unina ebepethwe ngokwemveli kulo lonke ithuba lokumitha;
 - ii. Izilwanyana zenyama mazikhuliswe ngomgaqo wemveli ukususela ekuzalweni;
 - iii. Ubisi malubonwe njengolwemveli kuphela xa isilwanyana seemveliso zobisi besilawulwa ngokwemveli kulo lonke ithuba lokumitha elandulela elokuncancisa;
 - iv. Amaqanda angabonwa njengawemveli kuphela ukuba iinkukhu beziphethwe ngokwemveli ukususela kwiintsuku ezimbini zobudala bazo;
 - v. Impahla ekhuliswayo ingamkelwa nokuba isuka kwiifama eziqhuba ngokomgaqo wesiqhelo kodwa mayincitshiswe kangange 10% (ishumi ekhulwini) obona buninzi ngonyaka bezilwanyana esezikhulile zohlobo olufana nolo lwasefama. Izilwanyana ezingamathokazi ezikhuliswe ngomgaqo ongengowemveli mazibe zezingazalanga (oko kukuthi mazibe zezingazange zazala ngaphambili).
- f. Ukugumpulwa kwezilwanyanwa kuyanqandwa. Ukurhulunwa komlomo; ukuthenwa; ukushunqulwa kwemisila yamatakane; ukuqhawulwa kweempondo; ukufakwa kwemisesane (ngaphandle kwasezihagwini) kungasetyenziswa kuphela xa kuncitshiswa ukubulaleka kwesilwanyana kodwa kungasetyenziswa nokubulala uluvo okwethutyana xa oko kufanelekile.
- g. Ukondla: Izilwanyana eziphethwe ngokwemveli zifumana izidingo zazo zezondlo ekutyeni ezikuzingelayo kwemveli nakwizidlo zemveli zomgangatho ophezulu.
 - i. Izondlo ezingaphezu kwama 50% mazithathwe kwifama leyo, kwiindawo ezikufutshane zamadlelo endalo, okanye ziveliswe ngemvisiswano yezinye iifama eziqhutywa ngokwemveli kwingingqi leyo;
 - ii. Izilwanyana ezetyisayo zifanele ukuba nofikelelo lwemihla ngemihla kwisintlakantlakiso. Izilwanyana ezetyisayo mazityiswe kulo lonke ixesha(amaxesha okutyisa ephelele);
 - iii. Impahla eselula yezilwanyana ezincancisayo mayinikwe ubisi lweemazi okanye ubisi lwemveli lohlobo lwayo lwezilwanyana futhi ilunyulwe kuphela emva kwethuba elilelona lifutshane leenyanga ezi3 malunga namankonyana

eenkomo nawamahashe; iiveki zibe6 malunga namantshontsho eehagu, zibe si7 iiveki malunga namatakane eegusha naweebhokhwe.

- h. Unyango lwezilwanyana: kufuneka kuthathwe onke amanyathelo anokwenziwa ukuqinisekisa impilo nobomi obusempilweni bezilwanyana ngezenzo zothintelo lokugula kwezilwanyana.
 - i. Ukuba isilwanyana siyagula okanye siyenzakala naxa ethathiwe amanyathelo okukunqanda oko, eso silwanyana masinyangwe kwangoko futhi ngokwaneleyo, ukuba kukho imfuneko sisuswe kwezinye kodwa sibe sendlwini efanelekileyo. Abalimi mabaqale basebenzise amayeza nonyango lwendalo, oko kuquka unyango olusabugonyo, amayeza endalo eAyurvedic nokuba kukuhlalywa ngeenaliti ngenjongo yothomalaliso lweentlungu.
 - ii. Ukusetyenziswa kwamayeza ezilwanyana enziwa kushishino okanye izibulalizintsholongwane kuya kwenza ukuba isilwanyana silahlekelwe sisimo saso semveli. Abalimi mabangalugodli unyango olunjalo xa ukwenza njalo kuya kukhokelela ekubulalekeni kwezilwanyana okungeyomfuneko;
 - iii. Xa kusetyenziswa iimveliso ezingamachiza ezilwanyana, ithuba lokuwarhoxisa liya kuphindaphindwa kabini ubuncinane kunelasemthethweni, okanye libe ziiyure ezingama48 ubuncinane xa kungekho thuba lokuwarhoxisa lixeliweyo;
 - iv. Ukusetyenziswa kwalo naliphi iyeza lezilwanyana elenziwe kushishino akuvumelekanga;
 - v. Izinto ezenziwe kushishino ezisetyenziselwa ukuvuselela imveliso okanye ukudodobalalisa ukukhula okuyindalo azivumelekanga;
 - vi. Ugonyo luvunyelwe kuphela xa isifo sisaziwa okanye kulindeleke ukuba siza kuba yingxaki kwingingqi ekuyo ifama nalapho esi sifo singenakulawuleka khona ngezinye iindlela zobuchule bolawulo okanye xa ugonyo lufuneka ngokwasemthethweni.
- i. Uthutho nokuXhela: Izilwanyana zemveli ziphathwa ngolona dandathekiso luncinane xa zithuthwa naxa zixhelwa.
 - i. Ukuhlokohlwa ngezixhobo zombane nangezinye izixhobo ezilolo hlobo akuvumelekanga;
 - ii. Izilwanyana mazinganyangwa ngezidodobalalisi okanye ngezivuseleli ezenziwe kushishino phambi kothutho okanye ngethuba lwalo;
 - iii. Isilwanyana ngasinye okanye iqela lezilwanyana siya kuhlala sichongeka kwinyathelo ngalinye lenkqubo yothutho neyokuxhelwa;
 - iv. Uhambo oluya kwindawo yokuxhela malungadluli kwiiyure ezisibhozo;
 - v. Ukudibana (ngokubona, ngesandi okanye ngevumba) kwesilwanyana ngasinye esiphilayo nezilwanyana ezifileyo okanye nezilwanyana eziphantsi kwenkqubo yokuxhelwa makuthintelwe;
 - vi. Isilwanyana ngasinye masiqutyulwe ngendlela encomekayo phambi kokophiswa.

8. Ukuvuna nokubekelela

- Bonke oomatshini, izithuthi nezikhongozelo eziphinda zisetyenziswe mazicocwe kakuhle zingabi nazintsalela phambi kokusetyenziselwa iimveliso ezilinywe ngokwemveli;
- Izinto ezisetyenziselwa ukubekelela azisayi kungcolisa iimveliso kwaye ukusetyenziswa kwazo kuya kuthathela ingqalelo isiphumo esinokwenziwa zizo kubume obusingqongileyo. Kufanele ukukhuthazwa ukusetyenziswa kwezinto zokubekelela ezihlaziye ngokutsha nezinokuhlaziyeke, kanti ukubekelela kufanele ukuncitshiswa kangangoko;
- Azivumelekanga izinto zokubekelela, izikhongozelo zolondolozo, okanye imigqomo equlethe iikhemikhali zomngundo ezenziwe ngoshishino, izithinteli zokubola, kunye nezinto zokuqhumisela.

9. Ukucoca, ukubulala iintsholongwane nokuhlambulula

- Zizinto zokucoca nezokubulala iintsholongwane ezamkelweyo kuphela ezinokusetyenziswa kulimo olwenziwa ngokwemveli;
- Kufuneka kusetyenziswe iinkqubo ezihambelana nezenzo ezisemgangathweni zokuphathwa kokutya nezithobela uwisomthetho lukamasipala wendawo ukuqinisekisa ukhuselelo lokutya.

10. Ukulunga nobulungisa basentlalweni

- Isenzo sengqesho masenziwe ngokowisomthetho lwezaBasebenzi waseMzantsi Afrika nangokoMgaqosiseko;
- Amalungelo abantwana mawenziwe ngokogqaliselo lwesiBhengezo seHlabathi ngaMalungelo aBantu [Universal Declaration of Human Rights](#) ukuqinisekisa ukuhlonelwa kwamalungelo abo okuxhamla kwithuba lobuntwana lokonwaba, ukhuseleko nokufumana uncedo.

11. Ukugcinwa kwamaxwebhu neengxelo

Umlimi ngamnye okanye iofisi yePGS ifanele ukuba neseti yeengxelo ezifikelekayo nezifanelekileyo kuquka okulandelayo:

- limephu okanye izazobe zefama, imveliso kunye/okanye iindawo ekuvunwa kuzo;
- lingxelo zazo zonke izinto ezithengiweyo/iminikelo yeemveliso zamalungiselelo eziyinxenye yenkqubo yokufama;
- lingxelo ngokutyalala, ezokuvuna nezeentengiso.

Ezi ngxelo zifanele ukufumaneka ngamathuba ohlolo. Iingxelo zingagcinwa nangoluphi na ulungiselelo olufanelekileyo lobukhulu nolwesakhono solawulo lomlimi/iqela, okufunekayo nje kukuba maziqondwe ngabahlolayo, kwaye zibonise ubungqina obucacileyo bokuthenga, bokulima nengqiqo ngeentengiso. I-PGS iya kubavela abalimi abasahlumayo futhi iya kubaxhasa kuba basenokuba nobunzima bokugcina iingxelo ezilolo hlobo.

Isiphelo

Mayiqondwe ngokucacileyo into yokuba le mithethosiseko yokulima isisishwankathelo esisekwe kuGuqulelo 1.7 kuJuni, wama2020 loMimiselo weSAOSO ngokuLima nokuGuquguququla iimveliso ngokweMveli ngokunjalo nokuthi yonke imisebenzi neemveliso zamalungiselelo mazihlolve ngokoMmiselo. Le seti yemithethosiseko ipapashwa njengoxwebhu olungenabugocigoci

nolufikelekayo, oko kuphunyezwa ngokuguqulela ummiselo ngokolungiselelo olufanele ababelana ngomdla kwiPGS. Ukungawuthobeli nokwenza izigqibo ngolwamkelo lwawo kuya kusekwa kuMmiselo.

Jonga apha [SAOSO Organic Standard](#) ngesikhokelo malunga nezinxaxhi ezibhengezwa njengezamkelekileyo.

Uyilo lolu xwebhu loqeqesho lufumene inkxasomali kuMbutsho waseMzantsi Afrika weCandelo lezeMveli (South African Organic Sector Organisation) nakuVimba woLwazi ngoLimo lweMveli kwiAfrika eseMzantsi (Knowledge Hub for Organic Agriculture in Southern Africa - KHASA) njengenxenye yeprojekthi yehlabathi iziko loLwazi ngoLimo lweMveli eAfrika (Knowledge Centre for Organic Agriculture in Africa - KCOA), noluphunyezwa yiDeutsche Gesellschaft für Internationale Zusammenarbeit (GIZ) GmbH egameni leGerman Federal Ministry for Economic Cooperation and Development (BMZ).

Ukufikelela nokuqonda umgaqonkqubo welungelo lokukopa uxwebhu njengakumhla wesi5 kuOkthobha ngowama2022, sebenzisa ikhowudi yeQR engezantsi:

